Downloaded from Stanmorephysics.com

**IMIYALELO NENGCACISO**

1. Eli phepha lemibuzo LINAMACANDELO AMATHATHU:

| | | |
|---|---|---|
| ICANDELO A: | Uvavanyo Lokuqonda | (30) |
| ICANDELO B: | Ushwankathelo | (10) |
| ICANDELO C: | Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi | (30) |

2. Funda YONKE imiyalelo ngocoselelo.

3. Phendula YONKE imibuzo.

4. Qala ICANDELO NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

5. Krwela umgca ekupheleni KWECANDELO NGALINYE.

6. Nombola iimpendulo ngokuchanekileyo ngokwendlela ekunonjolwe ngayo kwiphepha lemibuzo.

7. Shiya umgca emva kwempendulo NGANYE.

8. Qwalasela ngokukodwa upelo nolwakhiwo lwezivakalisi.

9. Iingcebiso malunga nolwabiwo lwexesha:

| | |
|---|---|
| ICANDELO A: | Imizuzu engama-50 |
| ICANDELO B: | Imizuzu engama-30 |
| ICANDELO C: | Imizuzu engama-40 |

10. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

Downloaded from Stanmorephysics.com

## ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

## UMBUZO 1: UKUFUNDELA INTSINGISELO NOKUQONDA

Funda IZICATSHULWA A no B ezingezantsi uze uphendule imibuzo esekwe kuzo.

## ISICATSHULWA A

**UKWABELANA KUSATSHILA KWINTLALO KANTU**

1 Ukwabelana sisithethe sikaNtu sokuqinisekisa ukuba nomnye umntu uyaxhamla kwinto omnye anayo. Sesinye sezithethe ezisisiseko olwashiywa naso usapho oluMnyama ngookhokho. Ukwabelana, sekusegazini kuhlanga olumnyama kangangokuba nempucuko yaseNtshona ayiphumeleli ukulutshintsha nanjengokuba zitshintsha ezinye izinto. Uhlanga olumnyama lwabelana selufuthelwa nayimingeni equka utshintsho kwezempilo, kumalungelo neqondo lokuhla kwamandla emali. Iimeko zokuhlalisana emakhaya, ekuhlaleni ngokwamaqela okuphila, nokuncedana konwatyiwe naxa sekufiwe yimihlaba yokwabelana esihlomla ngayo esi sicatshulwa. Iimeko ezingentla ziyakuchaphazela ukwabelana kodwa azitshintshanga iziseko zaso.

2 Yiya emaBanguleni kungenjalo emaQwathini wofika kumzi onendibanisela yeentsapho ngeentsapho. Kukho abantwana bakadadobawo owabuya ekwendeni, abentombi yasekhapha eyendele kuNxamagele, aboomolokazana nabeentombi zalapha. Kanti balapha nabasebukhweni boonyana basekhay'apha abaze kumpelesa. Ngaloo maqekelana ngamaqekelana. Bukela ke xa kuphakwa mandulo, ludityaniswa esityeni esinye esikhulu olu satshana luseshumini nangaphezulu. Amacephe ebeba mabini okanye abemathathu, kukhiswane ngoonkabi kungabikho ngxaki kodwa ngoku akusakhiswana ngamacephe ambalwa ngenxa yongenelelo lwamaphulo oonompilo. Namhlanje sekudwela izityana ezilinani labantu abaphakelwayo kodwa sona isithethe sokwabelana sisahleli.

3 Yiya etywaleni ke. Kuthungwa ibhekile ibenye, iqale ngasemnyango kumadoda amakhulu. Abafazi bomana ukuza kuguqa phambi koowabo bephuziswa. Iye inyukela entla ingangxamanga, emana ukuhlabela kancinci uNobhejile, 'Hamba bhekile sukuhlala ndawonye.' Kuza kwaneziselwana ngale nketshenketshe ke mhlawumbi sekusele into engangeekomityi ezimbini, ingulowo elumkele ukuba angaqweli itunu ekho uBaw'uMpandla isankonde. Wothi laqa loo nto ingangesiqingathana sekomityi. Othe woyela kakhulu ebhekileni wonyenjwa ahlekwe, kukhalwa ngohobolozela. Wozingxengxezela ke naye kulowo ebemphuzisa athi, 'Ngxe mntomkhulu, ibingasaboni mntu.' Yonke ke le nto iseluxolweni kuyarhatyuliswana akukho ufunzela ukuhlutha ngaphezu komnye. Ayitshintshanga le indlela yokwabelana.

Downloaded from Stanmorephysics.com


4 Bukela ke kusabiwa izitya koomama phaya esicini, emtshatweni, emgidini kanti nasesingcwabeni. Kuloo ndlu izeleyo kothiwa gximfi, gximfi izitya ezine okanye ezihlanu, livele ilizwi lisithi, 'Noguqukelana ke boomama.' Sebesazi ke nabo boguqukelana ngokwezindlu ukutsha, kwisitya ngasinye, amacephe mabini, kwaze kwabekwa **izidungulwana** ezibini nezithathu zenyama. Nalapha kuza kwaneziselwana ngaloo **mivungulwana** kungekho ukhalazayo. Bona ke kwinjeke esisabelo samaxhegwazana. Mhlawumbi kuxhelwe igusha enye, loo nto ayithethi ukuba kukho amaxhegwazana aza kuphoswa. Iza kucukucezwa akukho nalinye ixhewukazi eliza kuthi alifumananga nto. Kwenziwa njalo nasemaxhegweni phaya kulwimi lwenkomo okanye inkamanzi kwabelwana kwangolo hlobo.

5 Umama wekhaya laa mbiza yemifino ayipheke phaya akanakuyitya yedwa, wonikela umntwana nokuba ngamacephe amathathu awagqume ngesosi athumele kummelwane. Oseleyo umfino, wophakelwa esityeni okanye esithebeni utyiwe ngabo bonke ababhinqileyo belo khaya. Akukhathaleki nokuba uphekwe wamncinane kangakanani na. Okubalulekileyo makungabikho mntu ungafumaniyo kule mbiza. Makwabelwane.


6 Oku kwabelana akupheleli kwezokonwaba kuphela. Kwabelwana nangentlupheko, utsho umthwalo ubelula. Kule ntlaninge yosapho lwasekhay'-apha xa kulalwa kuyolekwa. Oku kolekwa kukuba omnye udibanisa ingubo yakhe neyomnye ebusika ukuze angahleleleki, afudumale nalowo unengubo enye. Kanti ngexesha lendlala othe wanemali yokuthenga ingxowa yombona wazi kakuhle ukuba akanakutya yedwa, xenikweni abantwana bommelwane belala ngamanzi. Wova esithi, 'Ndithe mandikusubele esi sityana mmelwane oku kokuba ugubele abantwana isidudu.' Ubulela adomboze ke umakhelwane engawalibali amazwi athi, 'Ungadinwa nangomso.' Ubusazi ke ukuba lavela njani eli gama likamakhelwane? Kaloku xa ummelwane sel'ephembile asikho isizathu esinokubangela ukuba ummelwane wakhe athathe inkxamleko yokusebenzisa imatshisi, okwakhe kukuya kukha amalahle kwammelwane. Athi ke umXhosa, 'Umzi wakwaDlamini wakhelana nowasemaQocweni, ngoomakhelwane.'

7 Nasekufeni kukwanjalo. Umzi wasemathileni wakube ugutyungelwe lilifu elimnyama, iba lukrozo abantu besiya kukhuza olo sapho. Kanti nasemva kokuba kufihliwe baza kubuya bakhutshwe ehlathini abafelwa baziswe phakathi kwabantu, batsho bazive bomelele, beqonda ukuba le ntlungu asiyoyabo bodwa, nabanye abantu balila kunye nabo. Ngokwenjenjalo batsho babenawo namehlo okujonga abantu, bagqibele bekhuthazekile de bayiqhele imeko leyo. Zezo ntwanantwana ke ezifika zomeleze uluvo lokuba esi sithethe sihleli asisuki.

[Sicatshulwe kwincwadi, *Uvimba kaXhosa* ebhalwe nguVT Gqiba, kwiphepha 17–19 saze sahlelwa.]

Downloaded from Stanmorephysics.com

**ISICATSHULWA B**



[Ucatshulwe ku-www.facebookimages.com]

**IMIBUZO: ISICATSHULWA A**

**Jonga kumhlathi woku-1**

1.1 Chaza ukwabelana ngokwalo mhlathi. (2)

1.2 Nika intsingiselo yegama 'isegazini'. (1)

**Jonga kumhlathi wesi-2**

1.3 Nika iindidi zibeMBINI zabantwana abafumaneka emzini omnye ngokwalo mhlathi. (2)

1.4 Xela unobangela wotshintsho kwinani lamacephe awayefudula esetyenziswa xa kutyiwa. (2)

**Jonga kumhlathi wesi-3**

1.5 Nika uhlobo lokwabelana ekuthethwa ngalo kulo mhlathi. (2)

1.6 YINYANI/BUBUXOKI ukuba ebebethwa umntu osele iqwela kudala engekho selungelweni? Xhasa impendulo yakho. (2)

**Jonga kumhlathi wesi-4**

1.7 Chaza ukuba ziphuhlisa ntoni ngenyama yoomama izimamva ezisetyenziswe kumagama '... izidungulwana ... mivungulwana ...' kulo mhlathi. (2)

1.8 Cacisa indlela awenza ngayo amaxhewukazi ukuqinisekisa ukuba injeke iwanela onke ngokwalo mhlathi. (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com

1.9 Nika naliphi igama lenyama yamaxhego awabelana ngayo incinci. (1)

**Jonga kumhlathi wesi-5**

1.10 Xela indlela ibeNYE ebekusabelwana ngayo ngembiza yemifino ukuze angayityi yedwa oyiphekileyo. (1)

**Jonga kumhlathi wesi-6**

1.11 Chaza ukoleka ngokwalo mhlathi. (2)

1.12 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo:

'Ndithe mandikusubele esi sityana mmelwane oku kokuba ugubele abantwana isidudu.'

Ulwimi olukwintetho engentla xa kusabelwana lulwimi ...

A olurhabaxa.
B olunentobeko.
C olunempoxo.
D oluncomayo. (1)

1.13 Chaza ukuba ukwabelana kwaliveza njani igama elithi, 'umakhelwane' ngokwalo mhlathi. (2)

**Jonga kumhlathi wesi-7**

1.14 Ngokoluvo lwakho ingaba ukuhambelana xa kubhujiwe kukwabelana? Xhasa impendulo yakho. (2)

**IMIBUZO: ISICATSHULWA B**

1.15 Chaza ukuba abantu abasemfanekisweni babelana ngantoni. (2)

1.16 Xhasa uluvo oluthi ezi zicatshulwa zibini zithetha ngokuba ukwabelana akupheleli kwezolonwabo kuphela kwenziwa ngenjongo yokwenza umthwalo ubelula. (2)

1.17 Nika imfundiso yezi zicatshulwa zozibini ngokwabelana. (2)

**AMANQAKU ECANDELO: A 30**

Downloaded from Stanmorephysics.com


## ICANDELO B: USHWANKATHELO

## UMBUZO 2: UKUSHWANKATHELA

ISICATSHULWA C sithetha ngeendlela **zokuqinisekisa intsebenziswano kumaqela.** Shwankathela ngenjongo yokuxhobisa amaqela ngamaqhinga okuphumeza intsebenziswano.

**QAPHELA:**

1. Bhala UMHLATHI ongenaziphene usebenzise amazwi akho kangangoko unako.
2. Isishwankathelo sakho masiquke iingongoma EZISIXHENXE ungedluli kumagama angama-70.
3. AKULINDELEKANGA ukuba ubhale isihloko xa ushwankathela.
4. Bhala phantsi inani lamagama owasebenzisileyo wakugqiba.

**ISICATSHULWA C**

**UNGAYIQINISEKISA INTSEBENZISWANO KUMAQELA**

Umntu ngamnye ufana yedwa akanakopi. Umntu ngamnye unesiphiwo esisesakhe kwaye ukwahluka ngeziphiwo kwamkelekile. Isiphiwo somntu ngamnye singaphuhla ngakumbi xa ezibandakanye nabanye, beliqela. Ukutsalela komntu ngamnye kwelakhe icala kunesiphumo sokungabikho kwentsebenziswano. Ukwenza amaqela asebenzisanayo kungasisixhobo sokuqinisekisa ukuba umsebenzi wenzeka ngempumelelo. Qinisekisa intsebenziswano ngokulandela oku:

Ukwenza iinjongo zihambelane kunye neziphumo zomsebenzi weqela kuyayiqinisekisa intsebenziswano xa zidakancwa, zaziwe, zicace kwilungu ngalinye leqela. Abathathi-nxaxheba batsho bazibophelele kwinjongo elijolise kuyo iqela.

Ukunxibelelana kweqela kubaluleke kakhulu ekuqinisekiseni intsebenziswano. Kungenziwa ngembalelwano, nangeentlanganiso ezibanjwa rhoqo kusetyenziswa iindlela ngeendlela zonxibelelwano. Kufuneka ukuba amalungu eqela eyazile ngokulinganayo kwangethuba inkqubela yomsebenzi weqela.

Konke okufunekayo, okuza kwenziwa nosele kwenziwe kufuneka kubekwe elubala liqela. Kungabekwa elubala ngokuba izigqibo zaziswe ngumntu wonke eqeleni. Xa kuthe kwafuneka utshintsho kwizigqibo, ilungu malingazigqibeli, lingatshintshi iqela lingaziswanga. Naxa kukho izinto ezintsha ezifikayo malaziswe ziseshushu.

Kuyalunga ukucakaca umsebenzi, uwabe ngokulinganayo eqeleni. Lakucacelwa gca ilungu kokulindeleke kulo malunga nomsebenzi eliwabelweyo akuxhwithwana uyahamba umsebenzi. Ukunika umsebenzi ngokungalinganiyo kungawatyhafisa amanye amalungu ilibaziseke impumelelo yeqela.

Downloaded from Stanmorephysics.com


Ukuthathela ingqalelo iziphiwo nezakhono zelungu ngalinye ngokuhambelana neenjongo zeqela okanye ezomsebenzi kungayiqinisekisa intsebenziswano. Iziphiwo zabantu ziyahluka. Xa ilungu linokunikwa umsebenzi ngokwesiphiwo salo isiphumo singasihle. Omnye usenokubalichule lokuququzelela ngeli xesha omnye elichule lokusombulula ingxaki. Ukwenza umsebenzi ngokwesiphiwo sakho kwenza ukuba umthwalo ubekhaphukhaphu nokuba ubusele uliqhina elenyuka kangakanani na. Xa kungenjalo ujikelezelwa yintloko uthathe ithuba elide ukugqiba umsebenzi, ungade ubesengozini yokubanoxinzelelo lwengqondo.

Bubuchule obuqinisekisa intsebenziswano ukumisela ixesha lokufezekisa ibakala ngalinye lomsebenzi ukuya kwelokugqiba ngokupheleleyo. Ubakhaphukhaphu xa ilungu nelungu leqela linika ingxelo ngenqanaba ngalinye ude ugqibeke umsebenzi ngexesha elibekiweyo.

Kuyayikhuthaza intsebenziswano ukuncoma nokuvuyisana nempumelelo yeqela. Nokuba sele emnye umntu ophumelelayo makuvuyiswane naye kuba ukuphumelela kwakhe sisidungulwana esilinqwanqwa lempumelelo yeqela lilonke. Izincomo zingenziwa ngokukhupha izatifiketi, ukuphuma kuyokutyiwa isidlo sakusasa kanti nangezipho ezingephi.

[Sicatshulwe ku-*Vimba wabevi*]

**AMANQAKU ECANDELO B: 10**

Downloaded from Stanmorephysics.com

## ICANDELO C: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI

### UMBUZO 3: ISIBHENGEZO-NTENGISO

Funda esi sibhengezo-ntengiso (ISICATSHULWA D) singezantsi uze uphendule imibuzo esekwe kuso.

**ISICATSHULWA D**




[Sithathwe ku-www.dropcaredrive.com]

3.1 Xela isixhobo esidala umtsalane kwisihloko. (1)

3.2 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo:

U'**Hayi Wena**' kwisibhengezo-ntengiso unika intsingiselo yokuba umnikazimoto ...

A akuhlanjwa yena.
B angabiseza yena.
C ayihlanjwa nguye imoto.
D uyayihlambisisa imoto. (1)

Downloaded from Stanmorephysics.com

3.3 Sijoliswe koobani esi sibhengezo-ntengiso? (2)

3.4 Umfanekiso wemoto enogwebu okwisibhengezo-ntengiso ukuncedisa njani ukuqonda intsingiselo yegama 'Siyigwebuza'? (1)

3.5 Chonga amabinzana amaBINI awenza ukuba umthengi ayibone iyeyona ibalaseleyo le nkonzo kwezikhoyo. (2)

3.6 Sinafuthe lini isenzi u'Xhabasha!' kwesi sibhengezo-ntengiso? (1)

3.7 Ingaba ukutolikeka kwegama, 'Limahala' kungancumisa umthengi okanye umthengisi wale nkonzo? Xhasa impendulo yakho. (2)
**[10]**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**UMBUZO 4: IKHATHUNI**

Funda le khathuni (ISICATSHULWA E) ingezantsi uze uphendule imibuzo esekwe kuyo.

**ISICATSHULWA E**




[Icatshulwe kwi-intanethi-www.facebook.com]

4.1 Bhala imo emfutshane yesivakalisi, 'Ucinga ntoni' esikwintetho kaNono. (1)

4.2 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zingezantsi.

Igama, 'njengotata' kwintetho kaKofi liqulethe intsingiselo yokuba ufuna:

A Ukubanobutyebi obufana nobukayise
B Ukubanephupha elifana nelikayise
C Ukubanesiqu esikhulu ngokufana noyise
D Ufuna ukubanobuso obufana nobukayise (1)

4.3 Bayacinga okanye bayathetha uNono noKofi kule khathuni? Xhasa impendulo yakho. (2)

4.4 Tolika intetho kaNono ethi, 'kwasa ke ngoku' ngokomxholo wale khathuni. (1)

4.5 Xela abemaBINI amalungu omzimba abaxiweyo kule khathuni. (2)

4.6 Khetha kwizibiyeli umsebenzi wophawu lokhuzo kwintetho kaKofi.

Uphawu lokhuzo kwintetho kaKofi ... (lunika umyalelo onqandayo/oncomayo). (1)

4.7 Phawula ngendlela esidalwe ngayo isihlekiso kule khathuni. (2)
**[10]**

Downloaded from Stanmorephysics.com


## UMBUZO 5: IPROZI

Funda esi sicatshulwa (ISICATSHULWA F) singezantsi uze uphendule imibuzo esekwe kuso.

### ISICATSHULWA F

**ZIINCWADI NOOTITSHALA IZIXHOBO ZETHU EZILALINI**

1 Umfundi ongomnye wabaphumelele emagqabini kwiziphumo zebanga le-12 uthi, xa uzimisele, usoloko uzinika ithemba entweni akubinamingeni inokuthi ikuphazamise **endleleni** yakho.

2 Lo mfundi ebesenza ibanga le-12 kunyaka ophelileyo, apho abalisa ukuba bekukhe kumke umbane iiveki ezimbini zonke kanye ngexesha leemviwo zokuphela konyaka. Uthi kwesakhe isikolo abanazo ncam izixhobo zokubancedisa njengakwezinye izikolo. Lo mfundi uthi baneencwadi kwakunye nootitshala kuphela.

3 'Buninzi ubunzima esiye sadibana nabo. <u>Sisokole</u> kakhulu ngexesha besibhala iimviwo, umbane ubusimka kubenzima ukuba sifunde. Besiye silayite amakhandlela esikolweni, senze loo nto ke yokucukana kwindawo enye kuba sifuna eli khandlela sonke', utshilo lo mfundi. **Uhambisa athi, nonxibelelwano lenethiwekhi biqhawuka rhoqo**. Loo nto yenze kube nzima ukungena kwiwebhusayithi, nanjengoko kule mihla sesifunda nge-intanethi.

4 'Besibaninzi egumbini kakhulu, ngoku bekuye kube nzima nokuba utitshala ajongane nawe wedwa ukusombulula ingxaki okuyo, bekufuneka esijonge sonke ngexesha elinye kodwa ndikwazile ukufika kule ndawo ndikuyo namhlanje.' Uthi kubunzima ebebebufumana esikolweni **sakhe** ebeye azixelele ukuba nabanye bapasa kwesi sikolo.

[Sicatshulwe kwi-intanethi kwikhasi lika*Facebook* we*L'solezwe*, 27Jan 2022, saze sahlelwa.]

5.1 Khetha impendulo echanekileyo kwizibiyeli.

Igama, 'endleleni' elibhalwe ngqindilili kwisicatshulwa (lalatha indawo onokuphazamiseka kuyo/lixela ixesha onokuphazamiseka ngalo). (1)

5.2 Bhala isivakalisi esingezantsi kwimo evumayo.

' Kwesakhe isikolo abanazo ncam izixhobo zokubancedisa ...' (1)

5.3 Lizisa ntsingiselo ni igama u 'ncam' okrwelelwe umgca ngaphantsi kwisivakalisi esingezantsi?

Uthi ezilalini abanazo <u>ncam</u> izixhobo zokubancedisa njengezi zasedolophini izikolo. (1)

Downloaded from Stanmorephysics.com

5.4 Nika isibizo esakhiwe ngegama 'sisokole' elikrwelelwe umgca ngaphantsi kumhlathi wesi-3. (1)

5.5 Nika isithethantonye segama, 'yokucukana' elikwisivakalisi esingezantsi.

Senze loo nto ke **yokucukana** kwindawo enye. (1)

5.6 Lungisa iziphene kwizivumelanisi ezikwisivakalisi esingezantsi ukuze sifundeke kakuhle.

Uhambisa athi, nonxibelelwano lenethiwekhi biqhawuka rhoqo. (2)

5.7 Sebenzisa igama u'sakhe' obhalwe ngqindilili kumhlathi wesi-4 njengesenzi kwisivakalisi. (2)

5.8 Xela ixesha lesenzi esikrwelelwe umgca ngaphantsi kwisivakalisi esingezantsi.

'... ebeye azixelele ukuba nabanye <u>bapasa</u> kwesi sikolo.' (1)
**[10]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 30**
**AMANQAKU EWONKE: 70**

Downloaded from Stanmorephysics.com


**QAPHELA**

- Esi sikhokelo sokumakisha senzelwe ukuba sibe sisikhokelo kubamakishi.
- Asenzelwanga ukuba sibe ngummiselo ogqibeleleyo.
- Iimpendulo zabafundi mazithathelwe ingqalelo ngokokuchaneka kwazo.
- Iimpendulo mazihlolwe ngokupheleleyo namanqaku anikezelwe apho kufuneka anikezelwe khona ngokwezigqibo ezithatyathwe kwintlanganiso yokubeka umakisho emgangathweni.
- Isikhokelo sokumakisha siya kuxoxwa phambi kokuba kuqalwe ukumakisha.

**IMIYALELO KUBAMAKISHI**

**Umakisho lwesicatshulwa sokuqonda:**

- Ngenxa yokuba kugxininiswa ekufundeni ngokuqonda, akufanelekanga ukuba upelo olugwenxa neemposiso zolwimi kwiimpendulo ezivakalisi zinyityelwe amanqaku ngaphandle kokuba ezo ziphene zitshintsha intsingiselo yempendulo elindelekileyo. Iimposiso ezikhoyo maziqatshelwe ngokukrwelelwa.
- Kubaviwa abasebenzisa amagama athatyathwe kolunye ulwimi ngobunjalo bawo, olungesiso isiXhosa, musa ukuwathathela ingqalelo lawo magama anjalo, kananjalo banganyityelwa manqaku xa ngaba iimpendulo ezinikiweyo zinembadla. Ngokunjalo ukuba igama elisuka kolunye ulwimi lusetyenziwe kwitekisi kwaye impendulo ifuna elo gama, oko kwamkelekile.
- **Kwimpendulo apho ziliqela iimpendulo ezichanekileyo** akunikwa manqaku ngeempendulo ezingu-EWE/HAYI, NDIYAVUMA/ANDIVUMELANI kuphela. Anikwa kuphela ngesizathu/ukuxhasa/nokuzakuzelela impendulo.
- AKUNIKWA manqaku ngeempendulo ezingu-YINYANI/BUBUXOKI, okanye YINYANI/LULUVO kuphela. Anikwa kuphela ngesizathu/ukuxhasa/nokuzakuzelela impendulo.
- Apho kulindeleke iimpendulo ezigama linye aze umviwa anike isivakalisi, nika amanqaku **ukuba ngaba** igama elifanelekileyo likrwelelwe umgca ngaphantsi okanye ligqanyisiwe.
- Kwimibuzo apho kulindeleke iimpendulo ezimbini/ezintathu, aze umviwa adwelise uluhlu lweempendulo, makisha **kuphela** ezimbini/ezintathu zokuqala.
- Iilwimi zengingqi neziyelelani zesiXhosa zamkelekile.
- Kwimibuzo ekulindeleke ukuba umviwa akhethe impendulo echanekileyo, makwamkelwe zombini, ukutsho oko unobumba ohambelana nempendulo echanekileyo KUNYE/OKANYE nempendulo echanekileyo ebhalwe ngokuzeleyo.

Downloaded from Stanmorephysics.com


**ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA**

**UMBUZO 1: UKUFUNDELA INTSINGISELO NOKUQONDA**

1.1 Kukuqinisekisa ukuba nomnye umntu uyaxhamla kwinto anayo omnye. √√ (2)

1.2 Yeyokuba yinto asele beyiqhelile/yinto abazibona sebeyenza bengasaqhutywa.√
[Nayiphi impendulo echanekileyo.] (1)

1.3 Abantwana bakadadobawo owabuya ekwendeni√/abentombi yasekhapha eyendele kuNxamagele√ aboomolokazana nabeentombi zalapha√/ nabasebukhweni boonyana basekhay' apha abaze kumpelesa.√
(Nasiphi isibini kwezi.) (2)

1.4 Kungenxa yongenelelo lwamaphulo oonompilo.√√/ Kungenxa yezifo ezosulelayo.√√ (2)

1.5 Lolokwabelana ngebhekile yasetywaleni.√√/ Kuyarhatyuliswana ngotywala.√√ (2)

1.6 BUBUXOKI kuba isicatshulwa sithi ebenyenjwa ehlekwa, yena azixolisele.√√ (2)

1.7 Ziphuhlisa ubuncinci benyama ngokobungakanani/ngokomyinge.√√/ ziphuhlisa ubuncinane ngokwenkangeleko.√√ (2)

1.8 Bayayicukuceza kungabikho nalinye ixhewukazi elithi alifumananga.√√ (2)

1.9 Ulwimi lwenkomo√/inkamanzi.√

(Nayiphi kwezi.) (1)

1.10 Unikela umntwana nokuba ngamacephe amathathu awagqume ngesosi athumele kummelwane√/uphakelwa esithebeni utyiwe ngabo bonke ababhinqileyo belo khaya.√
( Nayiphi kwezi) (1)

1.11 Kukuba omnye udibanisa ingubo yakhe neyomnye ukuze angahleleleki afudumale nalowo unengubo enye.√√ (2)

1.12 B.√/B. olunentobeko√/olunentobeko.√ (1)

1.13 Ngokuthi ummelwane akhe amalahle kwammelwane osel' ephembile angasebenzisi matshisi xa efuna ukwenza umlilo.√√ (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com


1.14 Kukwabelana kuba abezileyo bafika bexule/ bacuntsule/ baphungule/ bacaphule kwintlungu yomfelwa ngokuza kuvela.√√

**OKANYE**

Asikokwabelana kuba kugqibela lowo usentlungwini sekufuneka azipokothe akhathalele iindwendwe zakhe, ngeli xesha asentlungwini.√√/Asikokwabelana kuba ukufa yinto embi abantu xa behambelana omnye ebhujelwe loo nto ayithethi ukuba nomnye uza kubuya nomphanga kuba ehambele usapho olubhujelweyo.√√

(Nayiphi impendulo echanekileyo.) (2)

1.15 Babelana ngomsebenzi wokwakha.√√/Ngokwakha ibhoma√√ /Babelana ngengca besokha indlu yomkhwetha.√√ (2)

1.16 Isicatshulwa A kumhlathi wesi-6 sikrobise kukwabelana kwabantu ngentlungu injongo ikukwenza umthwalo ubelula kanti nesicatshulwa B singumboniso wokwabelana ngomsebenzi ukuze umthwalo ubelula.√√ (2)

1.17 Zozibini ezi zicatshulwa zifundisa ukuba ukwabelana kwenziwa kwiimeko ezimnandi nakwiimeko ezinzima.√√/ Zisifundisa ukuba xa simanyene sisebenza sonke umsebenzi uba khaphukhaphu.√√

(Nayiphi impendulo echanekileyo.) (2)

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

Downloaded from Stanmorephysics.com

## ICANDELO B: USHWANKATHELO

### UMBUZO 2: UKUSHWANKATHELA NGAWAKHO AMAZWI

Sebenzisa ezi ngongoma zingundoqo zilandelayo ekufuneka zibandakanywe ngabaviwa kwisishwankathelo **njengesikhokelo**.

Ukumakisha isishwankathelo kusekwe ekugqaliseni iingongoma ezingundoqo.

Isishwankathelo masimakishwe ngolu hlobo:

Naziphi iingongoma ezichanekileyo ezisi-7 ezibhalwe ngokomhlathi mazimakishwe. (Izivakalisi mazinamathelane.)

| UCAPHULO | | IINGONGOMA | |
|---|---|---|---|
| 1. | 'Ukwenza iinjongo zihambelane kunye neziphumo zomsebenzi weqela kuyayiqinisekisa intsebenziswano xa zidakancwa, zaziwe, zicace kwilungu ngalinye leqela.' | 1. | Iinjongo zeqela mazihambelane neziphumo zomsebenzi ziphicothwe zicacele ilungu ngalinye. |
| 2. | 'Ukunxibelelana kweqela kubaluleke kakhulu ekuqinisekiseni intsebenziswano.' | 2. | Malungatyeshelwa unxibelelwano, lungenziwa ngokubhala, ukuhlangana nokusebenzisa namaqonga onxibelelwano. |
| 3. | 'Konke okufunekayo, okuza kwenziwa nosele kwenziwe kufuneka kubekwe elubala liqela.' | 3. | Makuthethwe phandle ngako konke okuchaphazela umsebenzi kungabikho okufihlwayo nakuliphi ilungu leqela. |
| 4. | 'Kuyalunga ukucakaca umsebenzi, uwabe ngokulinganayo eqeleni.' | 4. | Mawohlulwe ngokulinganayo umsebenzi, kucaciswe okufanele kwenziwe lilungu ukuze uhambe kakuhle umsebenzi. |
| 5. | 'Ukuthathela ingqalelo iziphiwo nezakhono zelungu ngalinye ngokuhambelana neenjongo zeqela okanye ezomsebenzi kungayiqinisekisa intsebenziswano.' | 5. | Umsebenzi mawabiwe ngokwetalente yelungu ngalinye ukuze aneliseke ungasileli umsebenzi. |
| 6. | 'Bubuchule obuqinisekisa intsebenziswano ukumisela ixesha lokufezekisa ibakala ngalinye lomsebenzi ukuya kwelokugqiba ngokupheleleyo.' | 6. | Makuqinisekiswe ukuba ixesha oza kufezwa ngalo umsebenzi liqingqwa ngokwenqanaba ngalinye. |
| 7. | 'Kuyayikhuthaza intsebenziswano ukuncoma nokuvuyisana nempumelelo yeqela.' | 7. | Kubalulekile ukuvuyisana kwakuphumelela iqela okanye ilungu kuncedisa kwimpumelelo konyuse nenqanaba ebelikuwo umsebenzi.<br><br>**[70 amagama]** |

Downloaded from Stanmorephysics.com

**UKUBHALWA NGOKOMHLATHI**

**QAPHELA:** Oku kulandelayo ngumzekelo nje kuphela. Akungommiselo kwaye makusetyenziswe ngobuchule.

| **UMHLATHI** |
|---|
| Ukuqinisekisa intsebenziswano kumaqela kungalandela la macebo. Iinjongo zeqela mazihambelane neziphumo zomsebenzi ziphicothwe zicacele ilungu ngalinye. Malungatyeshelwa unxibelelwano, lungenziwa ngokubhala, ukuhlangana nokusebenzisa namaqonga onxibelelwano. Makuthethwe phandle ngako konke okuchaphazela umsebenzi kungabikho okufihlwayo nakuliphi ilungu leqela. Mawahlulwe ngokulinganayo umsebenzi, kucaciswe okufaneleke kwenziwe lilungu ukuze uhambe kakuhle umsebenzi. Umsebenzi mawabiwe ngokwetalente yelungu ngalinye ukuze aneliseke ungasileli umsebenzi. Makuqinisekiswe ukuba ixesha oza kufezwa ngalo umsebenzi liqingqwa ngokwenqanaba ngalinye. Kubalulekile ukuvuyisana kwakuphumelela iqela okanye ilungu kuncedisa kwimpumelelo konyuse nenqanaba ebelikuwo umsebenzi. **[70 amagama]** |

**Ukumakisha isishwankathelo:**

Ukumakisha isishwankathelo kusekwe ekugqaleni kuphela iingongoma ezingundoqo.

Isishwankathelo masimakishwe ngolu hlobo:

- **Ulwabiwo lwamanqaku**
  - Amanqaku asi-7 ngeengongoma ezisi-7. (inqaku ngengongoma nganye)
  - Amanqaku ama-3 olwimi.
  - Amanqaku ewonke: 10.
- **Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa abaviwa besebenzise amazwi abo:**
  - 1–3 amanqaku achanekileyo: Nika inqaku eli-1 lolwimi.
  - 4–5 amanqaku achanekileyo: Nika amanqaku ama-2 olwimi.
  - 6–7 amanqaku achanekileyo: Nika amanqaku ama-3 olwimi.
- **Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa abaviwa becaphule ngqo.**
  - 6–7 iingongoma ezicatshulwe ngqo: akunikezelwa manqaku olwimi.
  - 4–5 iingongoma ezicatshulwe ngqo: nikezela inqaku libe-1 lolwimi.
  - 2–3 iingongoma ezicatshulwe ngqo: nikezela amanqaku abema-2 olwimi.

**QAPHELA:**
- **Ubalo-magama**
  - Abakorekishi kulindeleke ukuba baliqinisekise inani lamagama asetyenzisiweyo.
  - Musa ukuthabatha amanqaku ukuba umviwa akalibonakalisanga inani lamagama asetyenzisiweyo okanye ukuba inani lamagama libonakaliswe ngokungachanekanga.
  - Ukuba udlule kwinani eliqingqiweyo, funda ukuya kuma ekupheleni kwesivakalisi eliphele kuso inani eliqingqiweyo ungawahoyi alandelayo.

**AMANQAKU ECANDELO B: 10**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**ICANDELO C: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI**

**Ukumakisha iCANDELO C**

**Umakisho lweCANDELO C:**

- Upelo
  - Iimpendulo ezinegama elinye mazimakishwe nokuba upelo lugwenxa, ngaphandle kokuba isiphene sitshintsha intsingiselo yegama.
  - Kwiimpendulo ezizivakalisi ezipheleleyo upelo olugwenxa malunyityelwe amanqaku ukuba impazamo ikwimigaqo yolwimi oluhlolwayo.
  - Xa kuhlolwa izifinyezi impendulo mayibonakalise ukusetyenziswa kweziphumlisi ngokuchanekileyo.
- Ulwakhiwo kwizivakalisi malubhalwe ngemigaqo yegrama echanekileyo nangezivakalisi ezipheleleyo/ngokomyalelo.
- Kwimibuzo ekulindeleke ukuba umviwa akhethe impendulo echanekileyo, unobumba ohambelana nempendulo echanekileyo KUNYE/OKANYE nempendulo echanekileyo ebhalwe ngokupheleleyo, iyamkeleka.

**UMBUZO 3: ISIBHENGEZO-NTENGISO**

3.1 Yifonti enkulu√/yifonti engqindilili√/luphawu loshiyelelo.√/Amagama angqindilili.√

(Nayiphi kwezi.) (1)

3.2 C./C Ayihlanjwa nguye imoto/Ayihlanjwa nguye imoto.√ (1)

3.3 Kubantu abaneemoto abangafuni kuzihlambela ngokwabo befuna amaxabiso afikelelekayo.√√/ Kubantu abanemoto abangafuni kuzihlambela ngokwabo.√√ (2)

3.4 Umfanekiso wemoto exhaphe ugwebu ukuncedisa ukuqonda intsingiselo ngokunxulumanisa umfanekiso nesenzo sokuhlamba imoto ngesepha namanzi.√ (1)

3.5 Oongqa phambili√/eyona nkonzo.√ (2)

3.6 Sinefuthe lokuthuma umthengi ukuba angxame ukuya kufumana inkonzo yokuhlamba imoto√/Sinefuthe lokuba umthengi makahambe ayokuhlambisa imoto.√/ Sinefuthe lokuthuma umthengi ukuba makaleqe/makakhawuleze.√

(Nayiphi kwezi.) (1)

Downloaded from Stanmorephysics.com

3.7 Kungamncumisa umthengi osele eyihlambise amatyeli amabini kuba angaxhamla kweli tyeli lesithathu limahala√√/kungamncumisa umthengisi kuba likhulisa intembeko kubathengi batsho baxhabashe ukuzisa iimoto kuba beleqa ukufikelela kwelaa tyeli lesithathu limahala.√√/Kungamncumisa umthengi kuba esazi ukuba kwityeli lesithathu akayi kubhatala.√√

**OKANYE**

Akunakumncumisa umthengi ongekaqali ukuhlambisa kuba kufuneka aqale ahlambise ngemali amatyeli ade abemabini ukuze afikelele kwityeli elimahala elixeliweyo.√√/Akunakumncumisa umthengisi kuba banganqaba abathengi kuba belinde ukubanemali yokuqalisa la matyeli mabini aphambi kokulungela ukufumana ela tyeli limahala.√√
(Nayiphi impendulo echanekileyo.) (2)
**[10]**

**UMBUZO 4: IKHATHUNI**

4.1 Ucinga ni.√ (1)

4.2 B/B.Ukubanephupha elifana nelikayise/Ukubanephupha elifana nelikayise.√ (1)

4.3 Bayathetha√ kuba kusetyenziswe amaqamza okuthetha.√ (2)

4.4 Ndiyaqonda ke ngoku.√ Ndatsho ndacacelwa.√ (1)

4.5 Intloko enkulu kaNono√/Amehlo athe gqa kaKofi√/Iintshiyi zikaKofi ezinyukileyo√/Umlomo ovulekileyo kaKofi.√/ Ubuhlwitha beenwele zikaNono√/ ubude bempumlo kaNono√/ Impumlo kaNono etsolo√/Impumlo kaNono.√

(Nasiphi isiBINI.) (2)

4.6 Lunika umyalelo onqandayo.√ (1)

4.7 Isihlekiso sidalwe ngokusebenzisa isifaniso, 'njengotata' esinika intsingiselo embolombini okanye etolikeka ngeendlela ezimbini ezahlukileyo kuNono noKofi.√√ (2)
**[10]**

Downloaded from Stanmorephysics.com


**UMBUZO 5: IPROZI**

5.1 Lalatha indawo onokuphazamiseka kuyo.√ (1)

5.2 Kwesakhe isikolo banazo izixhobo zokubancedisa.√ (1)

5.3 Yeyokuba nangona benazo izixhobo azanelanga/aziphelelanga.√ Zishokoxekile√/azikho kakuhle√/azikho ngokugqibeleleyo√/abanazo ngokupheleleyo.√ (1)

5.4 Intsokolo√/ukusokola.√ (1)

5.5 Yokuxinana.√ (1)

5.6 Uhambisa athi, nonxibelelwano lwe√nethiwekhi belu√qhawuka rhoqo. (2)

5.7 Thina sakhe ipomakazi lendlu ekhaya.√√

(Nasiphi isivakalisi apho u-sakhe asisenzi esichanekileyo.) (2)

5.8 Lixesha eladlulayo.√/Ixesha elimiyo.√ (1)
**[10]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 30**
**AMANQAKU EWONKE: 70**